Isalathiso: 20180709-4123
12/2/8/38

Imibuzo: KwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko

ISetyhula: 0028/2018
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaququzeleli beZikolo eziKhuselekileyo, kuBaququzeleli boPhuhliso lweZikolo, kuBaququzeleli bamaBhunga aMele aBafundi, kwiiNqununu nakumalungu amabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziziisekondari.

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuqaliswa kwenkqubo yokufunda ngokwenziwa kweenkonzo zabahlali njengenxalenye yeeprogram zasemva kweeyure zesikolo.*

Isihloko: Ukuqaliswa kwamaBhaso okuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali kwizikolo eziziisekondari

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) liyavuya ukwazisa ngokuqhubeka kokuqatshelwa kwenkqubo yokufunda ngokwenziwa kweenkonzo zabahlali (*service learning recognition*) njengophawu lweprogram yalo ngoSeptemba 2018.

2. Kwixesha elidlulileyo, i*WCED* yanika ingqwalaselo ngokusesikweni umsebenzi wootitshala kunye nenkqubo yezikolo ngokubanzi. Nakuba kunjalo, iSebe liyiqondile into yokuba umsebenzi obalaseleyo ozisa izinto ezintsha owenziwa luninzi lwabafundi bethu awusoloko ufumana ngqwalaselo efanayo okanye elinganayo kunaleyo inikwa umsebenzi owenziwa ngootishala.

3. UMphathiswa weMfundo wePhondo uyayixhasa ingcamango yokuba i*WCED* mayiqalise amaBhaso okuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali qho ngonyaka (*annual Service Learning Awards*), aya kwaziwa njenge*WCED Service Learning Awards*.

4. Yinjongo ye*WCED* ukomeleza nokuphucula iprojekthi njengoko ikhula ngokukhula.

5. Ukufunda ngokwenziwa kweenkonzo zabahlali (*service learning*) yinkqubo yokufunda nokufundisa esele imiselwe kwiindawo ezininzi ezisehlabathini. Yinkqubo efuna ukuhlanganisa inkonzo eyiyo eyenzelwa abahlali nokufundiswa eklasini kwanengqiqo (*reflection*) ekuphuhliseni amava okufunda, ukufundisa uxanduva lokuba ngummi welizwe kwanokuphucula iindawo zasekuhlaleni zethu.

6. Nangona izikolo ezininzi zaseNtshona Koloni zibandakanyeka kumsebenzi onxulumene nezasekuhlaleni, akukho kunikwa ngqwalaselo kucwangcisiweyo okanye kwephondo liphela ekufundeni kwabafundi okunxulumene nenkonzo yasekuhlaleni kwenziweyo ukuza kuthi ga ngoku.

7. Xa kujongwa ngokubanzi, abahlali badinga uninzi lwabantu ngokugqithisileyo – ingakumbi abantu abatsha – ukuba babandakanyeke kwimvumelwano yezentlalo enenjongo yokwakha ngokutsha imigaqo yokuziphatha ngentsulungeko koluntu lwethu lwasekuhlaleni (*moral fabric of our communities*) – ingakumbi kwiimeko zentlalo zabo babekade bevinjwe amathuba kwixesha langaphambili.

8. Imigaqo yokuthatha inxaxheba iqulathwe kwesi sikhokelo sinika ingcasiso sihamba nale setyhula. Inqununu noTitshala oliGosa loQhagamshelwano (*Teacher Liaison Officer*) (*TLO*) abajongene neBhunga eliMele aBafundi (*Representative Council of Learners*) (*RCL*) kulindeleke ukuba bancedise amalungu e-*RCL* ekulawuleni ezi nzame ngokwabo ukuze babe nako ukufumana uqeqesho ekusingatheni imisebenzi elolo hlobo.

9. Lo gama ekuqaleni i*WCED* iya kuba ibeke esweni iiprojekthi namalinge asele ekho, injongo ikwasekuphuculeni izakhono ngamandla nasekukhuthazeni uthatho-nxaxheba kwizikolo ezingenayo loo misebenzi. Oku kuya kwenziwa ngongenelelo ngoncedo lweZikolo eZikhuselekileyo oluya kwenzeka emva kweeyure zesikolo (*Safe Schools after-school intervention*).

10. Ngokumalunga noku, kukhuthazwa amabhunga olawulo aqinisekise ukuba izikolo zawo zineeprogram eziqaphelekayo nezisekuhleni zasemva kweeyure zezikolo eziya kumana ziphuculwa qho ngonyaka.

11. Le program ingayitshintsha indlela abafundi abalubona ngayo uluntu lwasekuhlaleni. Kukhathazwa iinqununu ukuba zikhuthaze abafundi

ekusebenzeleni ukuba babe ngabemi abachubekileyo njengoko eli linge linamandla okuphucula unamathelwano lwezentlalo (*social cohesion*) nokubethelela ubudlelane phakathi kwabantu oluntu obusemgangathweni.

12. Fumana apha kule setyhula isikhokelo kunye nefom yokungenela.

13. Kucelwa wazise okukule setyhula zonke ii-*RCL* kunye namabhunga olawulo ezikolo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2018-07-27

URhulumente weNtshona Koloni

EzeMfundo

AMABHASO OKUWONGA ABAFUNDI NGOKWENZIWA KWEENKONZO ZABAHLALI

2018

ISikhokelo seNgcaciso ngamaBhaso okuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali

UMHLA WOKUVALA: 15 AGASTI 2018

1. Intshayelelo

AmaBhaso okuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali asungulwe ngo-2016 yaye aya kubanjwa qho ngonyaka ukususela ngoku. Aya kuphuculwa ngokusebenzisa unxibelelwano ngokubanzi nezithili kwakunye nezinye izitraksha zeSebe leMfundo leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*). Imiqathango esebenzayo yomgaqo-sikhokelo kwakunye namacandelo wawo, ngokungqinelana neemfuno zokumana ukhula ngokukhula, iya kwenziwa isulungeke qho, iqingqwe ize ifumane ukusetyenziswa ngokubanzi.

I*WCED* inqwenela ukukhuthaza bonke abafundi nootitshala ababakhokelayo babo ngokuzivolontiya kwabo ekuthatheni inxaxheba kweli linge libaluleke gqitha ngokuthi benze imisebenzi neeprogram ezahlukeneyo ezinenjongo esekufakeni igalelo ekuphakamiseni umgangatho wentlalo yoluntu. I*WCED* iqwalasela kwakhona iinzame ezibalaseleyo ezenziwe ngabafundi nootitshala, amaxesha amaninzi bekwenza oko phantsi kweemeko ezinzima kakhulu, ekuxhobiseni uluntu lwabo lwasekuhlaleni ngendlela encomekayo.

Iprojekthi yokuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali yenye yeendlela apho i*WCED* ibulelayo yaye ikhuthaza abafundi abazimiseleyo nabanenkathalo kwiinzame zabo zokuphuhlisana njengabemi kumZantsi Afrika wedemokhrasi, ongenabuhlanga nongenalucalulo ngokwesini.

Inkqubo yabafundi abenza iinkonzo zabahlali (*service learning*) inxibelelanisa ukufunda namava enene obomi obuphilwa ngabahlali ukuze kuqinisekiswe ukuba abafundi bayayiqonda imfuneko yokuphuculwa okuqhubelekayo kobomi boluntu lwasekuhlaleni.

Eli linge liya kuphucula nangakumbi amathuba okufaka igalelo ekuzuzeni impumelelo ekujongwe kuyo kwinkqubo ejolise ekuziseni utshintsho ngokukhawuleza kwiphondo eyi-*After School Game Changer*.

2. Iinjongo zamaBhaso e*WCED* okuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali zezi:

- ukukhuthaza abafundi bazibandakanye ngokukhutheleyo kwiindawo ezahlukeneyo zabahlali abayinxenye yezikolo zabo;
- ukukhuthaza intsebenziswano, ubudlelane nokuqondana ngcono phakathi kwabafundi ezikolweni;
- ukukhuthaza imfundo nokufaka igalelo ekuphuculweni kwezikolo nabahlali abaxhamla iinkonzo zabo;
- ukukhuthaza iinzame zokubeka isikolo esazulwini sengqwalaselo yabahlali;
- ukukhuthaza abafundi baqalise iiprojekthi yaye baphucule izakhono zabo zobunkokeli; kunye

- nokunika ulutsha ulwazi olunxulumene nolutsha kwanemingeni ejongene nabahlali.

3. Ukwenza iprojekthi yokwenza iinkonzo zabahlali

Eyona ndlela ekukuphela kwayo yokuqalisa iprogram yokwenza iinkonzo zabahlali kukuyenza nokuyiqalisa!

3.1 Ngezantsi apha kufumaneka iingcebiso zokukunceda ekwenzeni iprojekthi yokwenziwa kweenkonzo zabahlali:

a) Funda kwiprogram eseyikho.
b) Qiniseka ngeemfuno zabahlali oya kube unika inkonzo kubo.
c) Qiniseka ngezinto zokusebenza ezifunekayo kwiprojekthi. Qaphela ukuba imali ayisoloko iyimfuneko.
d) Iiprojekthi mazisoloko zibonakalisa unxibelelwano oluluqilima phakathi kweenkonzo zasekuhlaleni kunye nekharityhulam.
e) Khokelwa zizakhono, yikhontenti nemixholo eya kufundiswa yaye yenziwe.
f) Iimbono malunga nokwenza iinkonzo zabahlali ziphuhla kakuhle kakhulu xa kusetyenzwa ngokudibeneyo.
g) Kubaluleke gqitha ukucwangcisa umsebenzi ngokudibeneyo. Bhala ngokokuthi qatha kweembono (*brainstorm*) imisebenzi enokwenziwa ngabafundi, ngamahlakani, nangabanye ukuvelisa ubutyebi bezinto ekunokukhethwa kuzo (nezinokudala imincili). Oku kuvamise ukukhokelela kwimisebenzi yokwenza iinkonzo zabahlali ngokudibeneyo: Utitshala ofake igalelo usethubeni elikhulu lokuthatha inxaxheba, abafundi abaneembono zabo ezithathelwa ingqalelo kakhulu bazinikele ngamandla yaye nee-arhente ziphela zisiba ngabalingane abazibandakanye ngaphezulu.

3.2 Qaphela iprogram okanye umsebenzi okhoyo ukutshintshela ekwenzeni inkonzo yabahlali ethembakeleyo, njengeprojekthi esikolweni uyiphononongele ukuyisebenza kumathuba okufunda. Tshintshiselanani ngeembono nootitshala, abafundi kwanabalingane basekuhlaleni (*community partners*).

3.2.1 Qala ngekhontenti yekharityhulam eqhelekileyo kunye nezakhono, ufumane ukongezeka kwayo ngokuzenzekelayo ide iyokuba yinkonzo. Qaphela ikhontenti nezakhono ezithile ekuya kufundiswa ngazo, mhlawumbi usengakhangela namathuba okufunda ongezelelweyo kwezinye iinkalo zezifundo.

3.2.2 Ukususela kumxholo okanye kwicandelo loko kufundwayo, qaphela unxibelelwano phakathi kwekhontenti nezakhono. Qala ngomxholo okanye ngesihloko esibanzi, esikholisa ukuba neziphumo eziqaphelekayo ezichaphazela inkonzo, emva koko uqaphele iinkalo ezithile zekhontenti nezo zezakhono.

3.2.3 Qala ngemfuno eqatshelwe ngabafundi. Qaphela izakhono zabafundi, iitalente nezinto abanomdla wazo. Nika abafundi ithuba lokuyichaza ingxaki, imfuno nezisombululo zayo.

3.2.4 Qala ngemfuno eqatshelwe ngabahlali. Ukuba abahlali bacela uncedo, mhlawumbi bekwenza oko nge-arhente eyayikhe yasebenza nesikolo kwithuba langaphambili, makungenwe kubulingane (*partnership*) ne-arhente leyo.

3.3 **Ndingaqinisekisa njani ukuba inkqubo yenkonzo eyenziwa kubahlali iyayiphucula imfundo yabafundi?**

Inkonzo eyenzelwa abahlali iqhubela phambili yaye iphucule imfundo yabafundi xa ootitshala becwangcisa izinto kwangethuba ukumisela unxibelelwano lwekharityhulam olunyanisekileyo.

3.4 **Iiprogram zokwenziwa kweenkonzo zabahlali ezisemgangathweni**

3.4.1 zinxibelelana ngqo nekharityhulam yezifundo;

3.4.2 zifezekisa imfuno eyiyo yabahlali;

3.4.3 zinika ixesha lokuqiqa okuqingqiweyo ngokwamaqela;

3.4.4 zigxininisa kubafundi;

3.4.5 zibandakanya abafundi ekwenzeni izigqibo ngokwamaqela nasekusombululeni iingxaki;

3.4.6 zifumana iindlela zokulinganisa izakhono neetalente zabafundi kunye neemfuno zabahlali;

3.4.7 zinika iindlela ezahlukeneyo ngokubanzi ekunokukhethwa kuzo ngabafundi; yaye zinika ingqalelo iinkonzo ezenziweyo.

3.5 Sikhuthaza ootitshala nabafundi ukuba baqaphele le migqaliselo ilandelayo yeNkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke (*National Curriculum Statement*) (*NCS*) xa becwangcisa iiprojekthi:

a) Utshintsho kwezentlalo: ukuqinisekisa ukuba ziyasonjululwa iinkqubo zokungalingani kwimfundo yexesha elidlulileyo yaye kunikwa amathuba emfundo alinganayo kuwo onke amacandelo oluntu.

b) Ukufunda ngokukhutheleyo nangengqiqo (*critical learning*): ukukhuthaza ukufunda ngokukhutheleyo nangengqiqo, ngaphezu kokufunda ngokubamba ngentloko nokungaziqiqi (*rote and uncritical learning*) iinyaniso ezinikiweyo.

c) Ulwazi nezakhono ezikumgangatho ophakamileyo: imigangatho esezantsi yolwazi neyezakhono eziya kufezekiswa kwibakala ngalinye ziyacaciswa yaye zimiselwe ngokwemigangatho ephakamileyo, nefezekisekayo kuzo zonke izifundo.

d) Amalungelo oluntu, ubandakanyeko lweentlanga ngeentlanga (*inclusivity),* ubulungisa kwezendalo nakwezentlalo (*social and environmental justice*): ukufakwa kwemigqaliselo yobulungisa kwezentlalo nakwezendalo (kunye namalungelo oluntu njengoko achaziweyo kumGaqo-siseko weRiphablikhi yaseMzantsi Afrika, ka-1996. I-*NCS* (kumaBakala R–12) izithathela ingqalelo

kakhulu (*sensitive*) iiyantlukwano ezinjengokuhlwempuzeka, ukungalingani, uhlanga, isini, ulwimi, ubudala, ukhubazeko kwanezinye iimeko.

e) Ukuxabisa iinkqubo zolwazi lwemveli: ukunika ingqalelo imbali etyebileyo nemvelaphi elilifa lethu (*heritage*) yeli lizwe njengamagalelo abalulekileyo ekunonopheleni (*nurturing*) iimfundiso ezisisiseko ezifumaneka kumGaqo-siseko.

3.6 I-*NCS* (kumaBakala R–12) inenjongo yokuvelisa abafundi abanako:

- ukuqaphela nokusombulula iingxaki kwanokwenza izigqibo besebenzisa ingqiqo nobuchule bokuyila (*critical and creative thinking*);
- ukusebenza ngempumelelo ngabanye kunye nanjengamalungu eqela;
- ukuququzelela nokukwazi ukuzilawula kwabo kunye nemisebenzi yabo ngenkathalo nangempumelelo;
- ukuqokelela, ukucazulula, ukucwangcisa nokuhlola ingcaciso ngengqiqo;
- ukunxibelelana ngempumelelo kusetyenziswa izakhono zokubonwayo, ezokuyimiqondiso kunye/okanye ezeelwimi (*visual, symbolic and/or language skills*) ezikwiintlobo ngeentlobo;
- ukusebenzisa isayensi nethekhinoloji ngempumelelo nangengqiqo bebonisa inkathalo ngezendalo nangempilo yabanye; yaye
- bebonakalisa ukuliqonda ihlabathi jikelele njengeenkqubo ezinxulumeneyo ngokuqonda ukuba iimeko zokusombulula iingxaki azenzeki ngokuzimeleyo.

4. Iindidi namabhaso okuwonga abafundi

4.1 Ezi ndidi zezi zilandelayo:

a) IBhaso lokuWonga uMfundi loMphathiswa (*Minister's Award*)
b) IBhaso lokuWonga uSomashishini oyiNkuthazo (*Technology, Environment*)
c) IBhaso lokuWonga ukuTshatshela kuBunkokeli (*Community builder, Culture and Diversity, Lady of substance*)
d) IBhaso lokuWonga ukuTshatshela kwiMidiya (*Excellence in Media Award*)
e) IBhaso lokuWonga ukuTshatshela uKwenza iZinto eZintsha (*Excellence in Innovation Award*)

4.2 **Amabhaso**

Kuya kubakho ibhaso libe linye kuphela kudidi ngalunye. Iqela labafundi abaphumeleleyo liya kufumana isatifikethi. Kuya kufuneka isikolo singenise isicwangciso sokwenza umsebenzi (*business plan*) sicacise malunga neemfuno zaso ukwenzela ukuba abo baphumelele ngokweqela labo baqhubeke ukwenza umsebenzi wabo kunyaka olandela lowo bebeliphumelele ngawo ibhaso lokuwonga. Ixabiso lebhaso liya kuba yi-R10 000 kudidi ngalunye.
Abafumana ukukhiqwa kwinqanaba lesithili nelephondo baya kufumana iZatifikethi zokuTshatshela (*Certificates of Excellence*).

Abo bafikelele kumjikelo wokugqibela wokhuphiswano kwizithili nakwiphondo baya kufumana iZatifikethi zokuGqwesa (*Certificates of Excellence*).

5. Iikhrayitheriya ngokubanzi

5.1 Igalelo labafundi kwimikhwa neemfundiso ezamkelekileyo (*ethos and morale*) zesikolo

- Ubandakanyeko kwiiprogram eziphucula abahlali abakufutshane nesikolo.
- Ubandakanyeko kwimisebenzi yokufunda ngokuqhubelekayo enegalelo elakhayo ekufundeni nasekuphuculeni abahlali.
- Ukuqhagamshelana namaqonga ezonxibelelwano oluntu afuna ukuphucula ubandakanyeko lwabantu.
- Ubandakanyeko kwiiprogram ezibenza bamanyane abahlali abayinxenye yesikolo.
- Ubandakanyeko ekuphuculeni abahlali ngokuqhubelekayo.
- Iziphumo ezihle kwimisebenzi yokufunda kunye nezemfundo.
- Ukubonisa izakhono zobunkokeli nobuchule obuqaqamba nangaphaya kwamasango esikolo.

5.2 Indlela abafundi abajongana naso ngayo isiphumo sale mingeni yezentlalo ilandelayo:

- Ukukhuthaza ubudlelane beentlanga obuhle.
- Ukuqonda ubaluleko lokufunda ngokubhekisele kwiinjongo zezentlalo.
- I-*HIV* ne*Aids*.
- Usetyenziso gwenxa lweziyobisi, ulwaphulo-mthetho, ukubhulisha/ukungqwangaza (*bullying*) nobugewu (*gangsterism*).
- Ukusebenza ujonge ngaphaya komngeni obangelwa kukuhlwempuzeka kwanezibonelelo zoncedo ezinqongopheleyo.
- Iyantlukwano nobandakanyeko lwabo bonke abantu.
- Ukunika ingqwalaselo imiba yezesini.

5.3 Iikhrayitheriya ezingqalileyo

Ezi ndidi ziya kusetyenziswa zizikolo eziziisekondari kuphela kwaye ziya kunika ithuba amaqela nabafundi ngabanye ukuba bathathe inxaxheba.

a) **IBhaso lokuWonga uMfundi likaMphathiswa (*Minister's Award*)**
Eli bhaso lokuwonga liya kubhiyozela umfundi okanye abafundi ababebonise ubugorha nobukroti obukhethekileyo xa bebejongene neemeko zobomi ezingumngeni. Amagama abatyunjiweyo aya kube ebonisa umoya omhle

nokomelela kwesimo sabo ekuzimiseleni ukuphila ubomi obunempumelelo okanye ekuncedeni abanye.

b) **IBhaso lokuWonga ukuTshatshela uKwenza iZinto eziNtsha (*Innovation*)**
Eli bhaso lokuwonga liya kunikwa iqela labafundi ababonise ukuza nezinto ezintsha ngokubalaseleyo besebenzisa ithekhinoloji nezakhono zoshishino kwakunye nokukhuthaza ulwazi ngezendalo. Umsebenzi lowo uze nezinto ezintsha kwanophuhliso mawube nako ukuphucula amathuba abanye kwezi nkalo zikhankanywe ngentla, inxenye yabahlali okanye abahlali bephela abakufutshane nesikolo nangaphaya koko. Into entsha leyo iya kunikwa ingqwalaselo ukuba yeyakutshanje okanye ivulela umhlaba omtsha kwezi nkalo. Kufuneka kwakhona umsebenzi lowo ube nokunceda abanye abafundi.

c) **IBhaso lokuWonga loMakhi waseKuhlaleni (*Community Builder Award*)**
Eli bhaso lokuwonga liqaphela abafundi abenze imisebenzi yobunkokeli kwakunye nokuququzelela unamathelwano lwezentlalo nokukhuthaza ukuba ngummi onguye nobudlelane obukhatshwa ngumoya woxolo phakathi kwabafundi abasuka kwintlalo, kwezoqoqosho nakwimvelaphi ngokwezenkcubeko eyahlukeneyo. Abafundi baya kubhiyozelwa ngeenzame nokuzimisela kwabo ukuzisa inguqu eyakhayo nenenkqubela kwiindawo zasekuhlaleni zabo. Olu didi lubandakanya imiba yezenkcubeko neyantlukwano. Abo banamagama atyunjiweyo baya kuba benze ilinge lokucela umngeni kwintswela-bulungisa ekuhlaleni kwabo kwanokuyoyisa kwabo ngokusebenzisa amaphulo okanye ubuvolontiya. Abo banamagama atyunjiweyo baya kuba bebonakalise ukusebenza nzima ekuzameni ukuphucula ubomi babanye.

d) **IBhaso lokuWonga ukuTshatshela kuBunkokeli (*Excellence in Leadership Award*)**
Eli bhaso lokuwonga liya kunikwa umfundi okanye abafundi abaqhubela phambili ukulwela amalungelo nokuziimfanelo zabanye abafundi nabakhokela kwidabi lemfundo elingaphandle kwamasango esikolo. Iinzame nempumelelo ngokumalunga noku mayixhaswe ngobungqina obufanelekileyo. Ophumeleleyo makabonakalise iimpawu zobunkokeli ezinjengokungazicingeli yena isiqu (*selflessness*), ukuzenza idini, uvelwano kwanokomelela kwesimo sakhe.

e) **IBhaso lokuTshatshela kwiMidiya (*Excellence in Media Award*)**
Ibhaso lemidiya liya kunikwa umfundi okanye abafundi abatshatsheleyo ekuchazeni imiba ebaluleke gqitha ngezasekuhlaleni besebenzisa amaphephandaba, i-Intanethi, oomatshini (*electronic*), okumanyelwayo, i-*TV*, imidiya yezonxibelelwano loluntu okanye ukufota. Abafundi kufuneka kwakhona kuthi kanti bebekhe babandakanyeka kwiprogram yobulingane obuzinzileyo (*sustained partnership programme*) okukhatshwa ziziphumo

ezibonakalayo ezinceda abafundi nabahlali kwithuba elide ngokungaguqukiyo.

6. Indlela yokutyumba amagama abagqatswa

- IBhunga eliMele aBafundi (i-*RCL*) mayimisele ikomiti ejongene nokutyunjwa kwamagama abagqatswa.
- Usihlalo wekomiti ejongene nokutyunjwa kwamagama abagqatswa makaququzelele intlanganiso yokutyunjwa kwamagama abagqatswa ebandakanya amanye amalungu e-*RCL* ukuxoxa ngenkqubo yokutyunjwa kwamagama abagqatswa.
- Ikomiti ejongene nokutyunjwa kwamagama abagqatswa mayizifunde iikhrayitheriya neemfuno ezimiselweyo zodidi ngalunye lebhaso lokuwonga yaye zibhale phantsi izimo okanye iimpawu eziya kungqinelana nezamagama abagqatswa babo kwanoluhlu lweekhrayitheriya ezichaziweyo.
- Nje ukuba atyunjwe umfundi/iqela elifanelekileyo, makuzaliswe ifom yokutyumba amagama ekubonelelwe ngayo.

7. Ngubani omakasayine ezi fom?

Usihlalo wekomiti yokutyumba amagama abagqatswa nenqununu okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya makasayine iifom zokutyumba amagama abagqatswa.

Kucelwa uqaphele ukuba:

- Makusetyenziswe ifom ezimeleyo **kudidi** ngalunye.
- Udidi ngalunye angenela lona umtyunjwa ngamnye malubhalwe ngokucacileyo.
- Isikolo masiqinisekise ukuba ifom yokutyumba amagama izaliswa ngokupheleleyo. Le fom mayithunyelwe kwi-ofisi yesithili ungadlulanga owe-**15 Agasti 2018**.
- Iifotokopi zefom yokutyumba amagama zinokwenziwa yaye zisetyenziselwe ukungenela.

8. Ukukhutshwa kwabatyunjwa (*disqualification*)

Abatyunjwa abangazithobeliyo ezi khrayitheriya zilandelayo baya kukhutshwa:

- Iifom mazizaliswe ngokupheleleyo.
- Abafundi makuthi kanti babhalisile kwisikolo sikarhulumente eNtshona Koloni xa bekubhaliselwa le projekthi.
- Umtyunjwa makangenele udidi lube lunye lolu khuphiswano ngexesha.
- Yonke ingcaciso mayibe yenyanisekileyo.
- Izikolo mazisebenzise amabhaso ayimali aphunyelelwe kwezi mbasa ngenjongo efezekisa imimiselo emalunga nokufaneleka ukungenela olu khuphiswano.

9. Imigaqo yokuthatha inxaxheba

a) Kuphela ngabafundi ekungokunje ababhalisileyo, abanokungqinisiswa ubhaliso lwabo ngenkqubo yasekhompyutheni eyi-*Central Management Information System* (*CEMIS*) abavumelekileyo ukungenela okanye ukutyunjwa.
b) liprojekthi ezifanelekileyo zezo bekukudala zikho ubuncinane beenyanga ezintandathu phambi kokuba kusungulwe la mabhaso okuwonga.
c) Makungabikho mntu okanye qela linokutyunjelwa izigaba ezininzi zolu khuphiswano.
d) Kuphela yifom yokungenela emiselweyo enokusetyenziswa. Abangenelayo, nakuba kunjalo, bavumelekile ukusebenzisa iphepha elongezelelweyo ukwandisa amangenelo abo abawafakayo.
e) Abathathi-nxaxheba mababe nako ukungenisa umsebenzi wabo wentsusa obonisa ukucinga nokwenziwa kwawo ngokuzimeleyo.
f) Onke amangenelo makakhatshwe ubuncinane ziithestimoniyali ezimbini ezisuka kwisikolo senqununu okanye kulowo kugqithiselwe kuye amagunya (oku kunyanzelekile), kulowo wenzelwa inkonzo okanye lowo kuthe kanti umfundi okanye iqela labafundi babekhe basebenza kunye naye okanye ngumlingane oncedisa umfundi okanye iqela labafundi kwiprojekthi yabo.
g) Umsebenzi obonakalayo owenziweyo, kubandakanywa nempumelelo etshatsheleyo kwanegalelo laloo msebenzi ngokwasekuhlaleni, malicaciswe gca.
h) linkcukacha zomsebenzi ekubhekiselwe kuzo apha ngentla mazichazwe kumagama angadlulanga ku-400.
i) Amangenelo makaxhaswe ngephothifoliyo yobungqina obuthembakeleyo, obunokungeniswa ngokohlobo lweefoto, iithestimoniyali, iphephandaba okanye iikliphu zevidiyo, okubhaliweyo okunako ukungqinisiswa, njl. njl.
j) Onke amangenelo aya kuvavanywa ngokunxulumene neekhrayitheriya ezithile ezisetyenziswayo kudidi oluthile oluchaphazelekayo.
k) Iphaneli yokhetho inelungelo lokusa ingenelo kudidi olwahlukileyo ukuba, ngokwengcamango yephaneli leyo, ingenelo lifaneleka ngcono kolo didi.
l) Kuphela ngamagama abatyunjwa ekwenziwe uluhlu olufutshane ngabo abaya kwaziswa baze bacelwe ukuba baye kwitheko lokuwongwa ngamabhaso.
m) Amangenelo okuqala makathunyelwe kubaququzeleli bezithili abaya kwenza ukhetho baze babize abagqatswa abakuluhlu olufutshane. ABaququzeleli Bophuhliso lweZikolo, aBaququzeleli beZikolo eziKhuselekileyo kunye naBaququzeleli be-*RCL* baya kulawula le nkqubo kwinqanaba lesithili.
n) Kuphela ngamangelo amathathu aya kwenzelwa uluhlu olufutshane ngodidi ngalunye kwinqanaba lesithili.
o) Kuphela ngabaphumeleleyo kwisithili kudidi ngalunye abaya kuqhubela phambili ukuya kwinqanaba lephondo.

p) **Amabhaso ayimali aya kunikwa isikolo, nekufuneka sona siqinisekise ukuba imali leyo isetyenziselwa kuphela ukuqhubela phambili le projekthi. Akukho kutenxa kuya kwamkelwa kulo mmiselo.**

q) Umxhasi unako ukutyumba ummeli okanye abameli ukuba babe yinxenye yephaneli yabagwebi.

r) Isigqibo sephaneli sesokugqibela kungasayi kubakho mbalelwano iya kwenziwa kunye nabo.

10. Ungeniso

Izikolo kufuneka zingenise amangenelelo azo kwi- RCL coordinator zazo Kwii ofisi zezithili zazo **phambi komhla we 15 Agasti 2018**. Yonke imibuzo mayibhekiswe Kwaba bantu balandelayo apha ngezantsi:

11. Amagama abatyunjwa makathunyelwe kwaba balandelayo:

ISithili	**Igama nefani**	**Ifoni**	**Idilesi yesitrato**
Metro North	David Leonard	021 938 3170	Timmerman Street, Parow, 7500
Metro Central	Shaheeda Majiet	021 514 6922	2 Gatehouse, Alexandra Precinct, Haven Road, Garden Village, Maitland, 7405
Metro South	Reggie Dreyer	021 374 4107	Mfundo House, AZ Berman Drive, Lentegeur, Mitchells Plain, 7785
Metro East	Mary-Joan Swartz	021 900 7253	Cnr of Belhar and Nooiensfontein Roads, Kuils River, 7579
West Coast	Anton Retief	027 482 2453	6 Hospital Street, Paarl, 7620
Cape Winelands	Fred Josias	023 348 4652	9 Durban Road, Worcester, 6849
Overberg	Kobus Mike	028 214 7368	15 College Road, Caledon, 7230
Eden and Central Karoo	Sinovuyo Stofile	044 803 8315	42 Courtenay Street, Rentzburg Court, George, 6529

Western Cape Government
Education

NOMINATION FORM

CATEGORIES FOR THE AWARDS ARE:

	Minister's Award
	Innovation
	Community Builder Award
	Excellence in Leadership Award
	Excellence in Media Award

(*Please use "X" to mark the appropriate category. Use separate forms for the different categories. The full list of categories is available...

I NOMINATE	
ADDRESS	
ADDRESS	
POSTAL CODE	
Telephone No.	
Cellphone	
Fax:	

NAME OF SCHOOL	
ADDRESS	
ADDRESS	
POSTAL CODE	
Telephone No.	
Cellphone	
Fax:	

REASON FOR NOMINATION

(Please explain why this person / group should be considered one of the finalists.

**If you require more space you may use a separate sheet of paper. You must include practical examples indicating how the nominee has contributed to excellence or achieved against all odds in the field for which nominated.*

References

Please supply the name and contact details of two referees or organisations that can provide the selection panel with more information:

Name:

Tel / Cell
Designation
Occupation

Name:
Tel / Cell
Designation
Occupation

Please provide your own details below:

Name
Designation
(If applicable)
Add

Address
Tel:
Cell:
Fax:

Signature: _____

Date: D D M M 2 0 1 8